

Imithetho elishumi

1- Uze ungabi nathixo bambi ngaphandle kwam. 2-Uze ungazenzeli umfanekiso oqingqiweyo. 3-Uze ungafumane ulibize igama likaYehova uThixo wakho. 4- Khumbula umhla wesabatha. 5- Beka uyihlo nonyoko. 6-Uze ungabulali. 7- Uze ungakrexezi. 8-Uze ungebi. 9- Uze ungaxoki. 10- Uze unganqweneli nanye into yommelwane wakho. Uzokujongana noThixo ngomhla womgwebo. Yena (uThixo) ubona ukukhanuka njengokrexezo, “Wonke umntu okhangela umntu ongumfazi, ukuba amkhanuke, uselemkrexezile entliziyweni yakhe.” (Matthew 5:28). Ubona inzondo njengokubulala, “Lowo umthiyileyo umzalwana okanye udade wakhe usisibulala-mntu.” (1 John 3:15) Ucinga ukuba uzakuya eZulwini? Nalu uvavanyo olufutshane. Wake wathetha ubuxoki, waba noba yintoni na, walisebenzisa igama likaThixo ngokungafanelekanga, okanye wajonga ngokukhanuka? (James 2:10) uthi, “Kuba yena oya kuwugcina umthetho uphela, akhubeke mthethweni mnye, unetyala layo yonke.” Ingaba uyakufunyanwa unetyala ngomhla womgwebo? Ukuba uzenzile ezi zinto uThixo ukubona njenge xoki, isela, ongalihloniphiyo igama lakhe, umkrexezi entliziyweni yakho. IBhayibhile iyalumkisa ukuba ukuba ufunyenwe unetyala uzakuphelela esihogweni. uThixo wathumela unyana wakhe weza weva ubuhlungu wafa emnqamlezweni. uYesu wathabatha isigwebo sethu sawela kuye, “Kuba wenjenje uThixo ukulithanda kwakhe ihlabathi, ude wancama uNyana wakhe okuphela kwamzeleyo, ukuze bonke abakholwayo kuye bangatshabalali, koko babe nobomi obungunaphakade.” (John 3:16) Wavuka uYesu ekufeni wakohlula ukufa. Guquka namhlanje (suka esonweni) ubeke ithembalakh kuYesu uze ufumane obubomi bungunaphakade (buza kuThixo ngoYesu kuphela). Ndiyakucela uthathe ixesha ufunde ibhayibhile yakho wenze into ekuxelela yona (uphilele uThixo)

Icebo likaThixo lentsindiso I

Oyena mbuzo ubalulekileyo wobomi bakho, kukuba uzakuya na ezulwini wakufa? uThixo uthi ukuze ulingene izulu "Simelwe kukuthi sizalwe ngokutsha." (John 3:7) Ebhayibhileni uThixo usinikile icebo lokuzalwa ngokutsha. Kuqala, kufuneka uzazi ungumoni. “kuba akukho kwahluka; kuba bonile bonke, basilelela eluzukweni lukaThixo. (Romans 3:23) Kuba ungumoni, ufanelwe kukufa. “Kuba umvuzo wesono kukufa.” (Romans 6:23) Oku kuthetha ukohlukaniswa noThixo naphakade esihogweni. “Ke kwanjengokuba ke abantu bemiselwe ukuba bafe kube kanye, ize ke emveni koko ibe ngumgwebo.”(Hebrews 9:27) Kodwa uThixo indlela akuthanda ngayo unikele ngonyana wakhe emnye, uYesu, ukuba athwale ihlazo lesono sakho afe endaweni yakho. “ke yena uThixo uqondakalisa okwakhe ukusithanda ngokuthi, sakubon' ukuba sisengaboni, uKristu asifele.” (Romans 5:8) Nangona singaqondi ukuba njani. uThixo uthi izono zethu zabekwa emagxeni kaYesu, wathabathela kuye isigwebo esasifanele thina wasifela emnqamlezweni efela indawo yethu. “kungoku uyala abantu bonke ezindaweni zonke ukuba baguquke.” (Acts 17:30) Ukuguquka kuthetha ukuba shiya indlela yokuphila ngokuthanda kwakho esonweni uvumelane noThixo ukuba ungumoni, ukholwe nakwinto uYesu owasenzela yona emnqamlezweni. Umbuzo: “ndimelwe kukuthini na, ukuze ndisindiswe?” (Acts 16:30) Impendulo: kholelwa kuYesu ukuba wazifela izono zakho, wafa endaweni yakho, wangcwatywa, uThixo wamvusa. Uvuko lwakhe lusinika isiqinisekiso esinamandla ukuba xa simamnkela abeyiNkosi noMsindisi ezimpilweni zethu sinesiqinisekiso sobomi obungunaphakade. “Ke bonke abamankelayo wabanika igunya lokuba babe ngabantwana bakaThixo, abo ke bakholwayo kwigama lakhe” (John 1:12)

Icebo likaThixo lentsindiso II

“Kuba bonke abasukuba belinqula igama leNkosi bosindiswa.” (Romans 10:13) Kholwa, uzosindiswa akukho nkonzokanye imisebenzi imihle ezakusindisa. Khumbula, uThixo nguye osindisayo. Icebo likaThixo losindiso nalu: Ungumoni kwaye ngaphandle kokuba uguquke ukholwe ku Yesu owafayo endaweni yakho , inyani kukuba uzakuchitha inaphakade esihogweni. Kanti ukuba uyakholelwa

kuYesu onguMsindisi, owaxhonywayo, wangcwatywa, wavuka, ufamana uxolelo lwezono zakho zonke, nesipho sakhe sosindiso lwanaphakande ngokukholwa. Ukuba elicebo likathixo alikacaci, funda ngalo ungayeki ude ucacelwe. Umphefumlo wakho uxabiseke ngaphezu kwelizwe lonke. “Kuba komnceda ntoni na umntu, ukuba uthe walizuzwa ihlabathi liphela, waza wonakalelwa ngumphefumlo wakhe?” (Mark 8:36) Qiniseka ukuba uyasindiswa. Ukuba uphulukana nomphefumlo wakho, uphosana nezulu uphuncukane nako konke. Ungathembi ukuba uzivanjani (fellings) ngoku kuba oko kuyatshintsha. Kodwa yima kwizithembiso zikaThixo zona zimi ngonaphakade. Wakube usindisiwe zintathu izinto ezibalulekileyo ofanele uzenze imihla yonke ukukunceda ukhule emoyeni. Eyokuqala ngumthandazo, apho uthetha noThixo. Eyesibini kukufunda ibhayibhile yakho, uthixo athethe nawe. Okokugqibela uxelele abenye nalo msindisi wakho, uthethele uThixo. “Ngoko ke musa ukuba nazintloni ngabo ubungqina beNkosi yethu.” (2 Timothy 1:8) “Wonke umntu ngoko oya kundivuma phambi kwabantu, ndiya kumvuma nam phambi koBawo osemazulwini.” (Mathew 10:43) Kufanelwe ubhabhatizwe ukuthobela iNkosi uYesu Krestu, njengobungqina bokubonisa usindiso lwakho kubo bonke abantu, uzimanye nabo bazibiza ngegamaleNkosi (uYesu)

Ilizwi likaThixo I

Kufuneka usindiswe “Inene, inene, ndithi kuwe, Ukuba akathanga umntu azalwe ngokutsha, akanakububona ubukumkani bukaThixo.” (John 3:3) “Thina sonke salahleka njengeegusha, sabheka elowo endleleni yakhe.” (Isaiah 53:6) “Mna, Yehova, ndiyayigocagoca intliziyo, ndiyazicikida izintso, ukuze ndinike ulowo nalowo ngokwendlela yakhe, ngokwesiqhamo seentloni zakhe.” (Jeremiah 17:10) “nothi xa sukuba ningaguquki, nitshabalale kwangokunjalo nonke.” (Luke 13:3) “kungengamisebenzi esebulungiseni esayenzayo thina, kungokwenceba yakhe, wasisindisa ngentlambululo yokuzalwa ngokutsha, nangokuhlaziya koMoya oyiNgcwele.” (Titus 3:5) “Kukho indlela ethe tye phambi komntu, Ukanti ukuphela kwayo ziindlela zokufa.” (Proverbs 14:12) “Uthi uYesu kuye, Ndim indlela, ndim inyaniso, ndim ubomi; akukho namnye uzayo kuBawo, engezi ngam.” (John 14:6) “Ngokokuba, ngokwasemisebenzini yomthetho, akuyi kugwetyelwa nyama emehlweni akhe; kuba isono saziwe ngokubakho komthetho.” (Romans 3:20) “owathi ngokwakhe, izono zethu wazithwala ngomzimba wakhe emthini, ukuze sithi, sifile ngakwizono, siphilele ebulungiseni; omivumbo yakhe naphiliswa ngayo.” (1 Peter 2:24) “okokuba uKristu wazifela izono zethu ngokwezibhalo, nokokuba wangcwatywa, nokokuba uvukile ngomhla wesithathu ngokwezibhalo.” (Eyokuqala kwabaseKorinte 15:3-4) uThixo ukusindisile ngenceba yakhe wakukholwa. Akho nanye into onukuthiuyenzile ukuze akusindise; sisipho esisuka kuThixo. Intsindiso uyingomvuzo wezinto ezintle esizenzileyo, ngoko ke asinaku qhoshwa nayo ngathi sense ngokwethu (Ephesians 2:8-9)

Ilizwi likaThixo II

Kholwa kwilizwi likaThixo usindiswe uYesu wabaxelela, “Umsebenzi kaThixo nguwo lo, ukuba nikholwe kuye othunyiweyo nguye.” (John 6:29) “Inene, inene, ndithi kuni, Lowo ulivayo ilizwi lam, akholwe ngulowo wandithumayo, unobomi obungunaphakade; akezi ekugwetyweni; uphume ekufeni, wangena ebomini.” (John 5:24) “Lowo unaye uNyana, unabo ubomi; lowo ungenaye uNyana kaThixo, akanabo ubomi. Ndinibhalele ezi zinto, nina nikholwayo kwigama loNyana kaThixo, ukuze nazi ukuba ninobomi obungunaphakade, nokuze nikholwe kwigama loNyana kaThixo. (1 John 5:12-13) “Kuba othe waneentloni ngam, nangawo amazwi am, uNyana woMntu woba neentloni ngaye lowo, xa athe weza esebuqaqawulini bakhe, nobukaYise, nobezithunywa ezingcwele.” (Luke 9:26) “Ngokuba, xa uthe wamvuma ngomlomo wakho ukuba uyiNkosi uYesu, wakholwa ngentliziyo yakho ukuba uThixo wamvusa kwabafuleyo, wosindiswa. Kuba umntu ukholwa ngentliziyo, ukuze abe nobulungisa; avume ke ngomlomo, ukuze asindiswe.” (Romans 10:9-10) “Kunceda ntoni na, bazalwana bam, ukuba umntu uthi unokholo, abe imisebenzi ke engenayo?” (James 2:14) “Kuba nguThixo okusebenzayo Ngaphakathi kwenu ukuthanda oko, kwanokusebenza oko, ngenxa yenkolelo yakhe.” (Philippians 2:13) “Ngoko ke elowo kuthi uya kuziphendulela kuThixo.” (Romans 14:12) “Ke ukuba kubi

emehlweni enu ukumkhonza uYehova, zinyuleleni namhla oyena niya kumkhonza; Ke mna nendlu
yam siya kukhonza uYehova. (Joshua 24:15)